# Umlimi uNtsika neenkawu



NguPfano Andy Motloung

UMlimi uNtsika ulima umbona namandongomane.

Wayenengxaki enkulu.

Kwakukho iinkawu ezimbini ezazimane zisitya amantongomane nombona.



UMlimi uNtsika wagqiba ekubeni enze ugagane ukugxotha ezi nkawu.

Wathatha iintsasa wazincamathelisa ngentlama.

Wazinxibisa iimpahla ezindala wazithwalisa umnqwazi.



Ngorhatya, zafika ezi nkawu zimbini ngesiqhelo zizokutya umbona namandongomane.

Zabona ugagane zema kukwethuka.



Zasondela  akashukuma ugagane.

Zasondela ngakumbi wema ngxi ugagane.





Zasuka zahleka zaqalisa ukutya amandongomane zingamoyiki ugagane.

Zatsiba zagwencela kugagane zombini ezi nkawu. Zisakhwela njalo suke zancamathela kwintlama eyayifakwe ngumlimi uNtsika.

Zabambiseka apho azakwazi ukuphuncuka.



Ngentseni elandelayo, umlimi uNtsika wafika ezi nkawu zisancamathele kugagane.

Kwakufuneka athini ngoku?



Umlimi uNtsika wagqiba ekubeni atsalele umnxeba abomzi wogcino zilwanyana.

Bafika zisancamathele njalo bazihlangula bahamba nazo.



Yamonwabisa kakhulu umlimi uNtsika into yokwazi ukuba amandongomane nombona wakhe ukhuselekile.





Nazo iinkawu zonwabile zikhuselekile kwikhaya lazo elitsha.